Downloaded from eduresourcza.com

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

testpapers.co.za

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI 9

# EYENKANGA 2016

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
# IMEMORANDAM

**AMANQAKU:** (60 ÷ 2) = 30

Le memorandam inamaphepha ama-6.

Downloaded from eduresourcza.com

Downloaded from eduresourcza.com



## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1: ISICATSHULWA

1.1 Kumongameli/Kumongameli uZuma/kuZuma. √ (1)

1.2 KwaZulu-Natala/eGauteng. √ (1)

1.3 Unobangela wodushe kukuba bafike bavule amashishini eMzantsi Afrika yenze loo nto bazivele abemi belizwe bethathelwa imisebenzi elizweni labo bashiyeke belamba kwaye betyholeka nangokuzisa iziyobisi. Loo nto izale ungxunguphalo, umlo nokufa. √√
(Nezinye iimpendulo ezinkcaza efanelekileyo zamkelekile) (2)

1.4 Kukuhlisa imisindo. √ (1)

1.5 Kukunqanda udushe/ kukubonisa ukungahambelani nesenzo sokubukula abemi bamanye amazwe. √√ (2)

1.6 Ityhila ukungahambisani nesenzo sokubulawa kwabemi bamazwe angaphandle. √ (1)

1.7 Hayi alufanelekanga, kuba nabanye abemi beli bebefudula beziimbacu kumazwe angaphandle kweli kwaye abazange babukulwe koko babekhuselwe. Lufanelekile kuba abemi beli abafumani misebenzi kuba kufakwe abemi bangaphandle emisebenzini engeyixhanyulwa ngabemi beli. √√
(Nezinye iimpendulo ezinenkcaza efanelekileyo zamkelekile) (2)

1.8 Kukubamba abophuli mthetho. √ (1)

1.9 Unokuthetha-thethana nabemi beli lizwe ngenjongo zokuba nqanda/ Kukubonisa ubungozi ababeka kuwo ilizwe ngokoqoqosho. √√
(Nayiphi impendulo evakalayo enikwa ngumfundi iyakwamkeleka) (2)

1.10 Lo mbhalo ungezantsi undinika into yokuba umntu ngumntu ngabanye abantu kungoko kumele aphile nabanye abantu. Lo myalezo uphuhlisa ukuba umntu umele ukuhlonitshwa anikwe ilungelo lakhe lokuphila, lo nto ityhile ukubaluleka komntu .Kwakhona lo mbhalo ugxininisa ubambano uchasene nocalucalulo. Konke oku kundinika ukuba nokuba umntu ngowaphi usuka phi mhloniphe umnike indawo yakhe ubonise uthando kuba ngumntu njengam. √√
(Nezinye iimpendulo ezinenkcaza efanelekileyo zamkelekile) (2)



Downloaded from eduresourcza.com

Downloaded from eduresourcza.com



1.11 IRUBRIKI YESISHWANKATHELO:

**QAPHELA OKU: Kulindeleke ukuba liqinisekiswe inani lamagama asetyenzisiweyo.**

| IiNGONGOMA EZIPHAMBILI | **5** | **4–3** | **2** | **1** |
|---|---|---|---|---|
| | 2 amanqaku | 2–1 | 1 | 0 |
| Uluvo oluphambili nomxholo | Uyakwazi ukukhetha uluvo oluphambili esebenzisa amagama anika inkcaza eyanelisayo nezeleyo. Akawutshintshi umxholo. | Uyakwazi ukukhetha ukuchonga uluvo oluphambili esebenzisa namagama amkelekileyo nangqamane nokwenzekayo. Umxholo uwuveza ngokuchanekileyo. | Uyakwazi ukuchonga uluvo oluphambili esebenzisa amagama anenkcaza engagqibelelanga ncam. Umxholo wakhe awuchanekanga ngokugqibeleleyo. | Ufumana ubunzima ekuchongeni uluvo oluphambili. Umxholo awuchanekanga. |
| | 3 amanqaku | 2– 1amanqaku | 1 amanqaku | 0 amanqaku |
| Ucwangciso lwesakhiwo; imihlathi kunye nolwakhiwo lwezivakalisi nezivakalisi. | Uyakwazi ukunxulumanisa ulwazi, izimvo zilandelana ngokulandelana kwazo nangokucwangcileyo. Izivakalisi zakhiwe ngendlela efanelekileyo | Uyakwazi ukunxulumanisa ulwazi, imvo zilandelana ngokulandelana kwazo. Ubuninzi bezivakalisi zakhiwe ngendlela efanelekileyo. | Umana esahlulakala ukunxulumanisa ulwazi, izimvo azilandelelani ncam ngokulandelana kwazo. Ezinye zezivakalisi azakhiwanga ngendlela. | Uyohlulakala kakhulu ukulandelanisa imvo azicwangcise. Izivakalisi azivakali azigqibelelanga indlela ezakhiwe ngayo. |
| Ukusetyenziswa kolwimi, iziphumlisi ,upelo nosetyenziso lwamagama akhethekileyo. | Ulwimi lusetyenziswe kakuhle nangobuchule, nopelo kunye neziphumlisi zivela kakuhle ngendlela efanelekileyo. Usebenzise amagama akhethekileyo ukunika umfanekiso- ngqondweni. | Ubonisa ubuchule ekusebenziseni ulwimi iziphumlisi nopelo luchanekile. Ubuninzi bezivakalisi bunamagama akhethekileyo. | Ulwimi olusetyenzisiweyo lumana luba neempazamo kumana kubakho iimpazamo kupelo nakwiziphumlisi. Akuqapheleki kusetyenziswa kwamagama akhethekileyo. | Ubonisa ukwahluleka ekusebenziseni ulwimi olusulungekileyo nendlela yokubhala iziphumlisi upelo ayichanekanga. |

(5)

**AMANQAKU ECANDELO A: 20**



Downloaded from eduresourcza.com

Downloaded from eduresourcza.com



## ICANDELO B: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 2

2.1 Ixesha (1)

2.2 **I**–iceba, √ (**li(**–isisekelo esidukileyo, √ **xesh**–ingcambu, √ **a**–isigqibelo √ (**lli**)–isimaphambili, √ **xesha**–isiqu √ (6)

2.3 2.3.1 Isihlomelo sendawo √ (1)

2.3.2 Isixando sokwenzisa √ (1)

2.3.3 Isibaluli √ (1)

2.3.4 Isichazi soquko √ (1)

2.4 Uthe umthengisi, “Yiyeke malunga neeyure ezimbini uyihlambe ngendlela eqhelekileyo.”

- Ikhoma √ (1)
- Isibiyeli esivulayo ” √ (1)
- Isibiyeli esivalayo ” √ (1)
- Isingxi √ (1)

**Uze uqaphele indawo esikuyo isingxi kunye nesibiyeli esivalayo. [15]**

### UMBUZO 3

3.1 C √ (1)

3.2 D √ (1)

3.3 B √ (1)

3.4 A √ (1)
**[4]**



Downloaded from eduresourcza.com

Downloaded from eduresourcza.com



## UMBUZO 4

4.1 4.1.1 UZola uye kwaluswa impahla edlelweni, uza kuziseza azivalele emalanga √ (1)

4.2 4.2.1 ukususa/dedisa √ (1)

4.3 4.3.1 Ingwe idla ngamabala. √ (Yamkelekile neye impendulo) (1)
**[3]**

## UMBUZO 5

**B**afundi lixesha eli lokuba umfundi ngamnye afunde **ii**ncwadi zakhe kuba unyaka uphelile.
Abanye benu bebewe phantsi apha kuviwo lukaJuni kodwa loo nto mayinganityhafisi. Lixesha lokuba ni**qi**nise ngakumbi kwizifundo zenu ukuphucula imeko yakho. Ngaloo mazwi ndininqwenelela impumelelo.

- **B**- √ (1)
- **I**i-√ (1)
- **-qi-**√ (1)

**[3]**

## UMBUZO 6

6.1 Abafundi abavotele ezeNzululwazi babini. √ (1)

6.2 Esona sifundo sivotelwe ngabafundi abanininzi sisiXhosa. √ (1)

6.3 Abafundi bebonke bangashumi amabini. √ (1)

6.4 IziBalo nezifundo zeNzululwazi into ebangela zifumane iivoti eziphantsi zinzima/Ndicinga ukuba kungokuba zinzima. √
(Nezinye iimpendulo ezichanekileyo zamkelekile) (1)

6.5 Ndingabacebisa ukuba bazimisele kuzo ngamandla ngokufuna ulwazi oluphangaleleyo bazamele ukuphumelela emagqabini, okanye bafune umntu oyingcaphephe kuzo oza kumana ebafundisa ngexesha abalifumanayo, kuba zivula namathuba wokuba bafumane imisebenzi engcono. √
(Nezinye iimpendulo ezifanelekileyo zamkelekile) (1)
**[5]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**



Downloaded from eduresourcza.com

Downloaded from eduresourcza.com



## ICANDELO C: IMPENDULO KUNCWADI

## UMBUZO 7: UMBONGO

7.1 Isikweko √ (2)

7.2 7.2.1 okwexolo lomthi √ (1)

7.2.2 okwerhangasi √ (1)

7.3 Isichanaso √ (2)

7.4 Ubomi abuhlali bumnandi kukhona amaxesha amabi. Oko kukuthi ubomi bungamajing'iqhiwu. √√
(Zamkelekile nezinye iimpendulo) (2)

7.5 Ubomi bufaniswa nexolo lomthi kuba ixolo lomthi ngaphakathi lihle, linebala elihle, limpuluswa, ubomi ke bunamaxesha anjalo wezinto ezintle. Ngaphandle lirhabaxa libi limnyama nobomi ke bunjalo kubakho amaxesha obumnyama indlela ingabonakali kungaweleki kwezinye imini. √√
(Nezinye zamkelekile) (2)

7.6 Imvano-siqalo √ (2)

7.7 7.7.1 I-Okthevi √ (1)

7.7.2 Isesthethi √ (1)

7.8 Ubomi bunezinto zawo kumele bufaniswa nexolo lomthi kuba kubi kuphinde kubekuhle xa kukubi zixolise. √√
(Iimpendulo ezichanekeilyo zamkelekile) (2)

7.9 Ndifunde ukuba ubomi awubucebi buyothusa ngezinto ezintle nezimbi, xa kukubi zixolise. √√
(Iimpendulo ezichanekelilyo zamkelekile.) (2)

7.10 Yisothethi, √ Inemiqolo elishumi elinesine √ (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 10**
**AMANQAKU AGUQULELWE (20 ÷ 2): 10**
**AMANQAKU EWONKE (60÷2): 30**



Downloaded from eduresourcza.com